Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

JULAYI 2015

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

UHLAHLO-LWABIWO-MALI LUKA-2015/16 LUSHWANKATHELWE

Ingeniso lyonke

Izigidi ezingama-R895
Inyuke nge-10,5%

Olu nyuko lubangelwe kukunyuka kwemali yesibonelo, equka ulwabelo ngokulinganayo olongezekileyo kwezigidi ezingama-R12,5 kunye nezimali zolwakhiwo lwezindlu ezisisixa-mali sezigidi ezi-R17.

Inkcitho lyonke

Izigidi ezingama-R964,5
Inyuke nge-3,3%

Intsilelo yezigidi ezingama-R69,6 ephakathi kwengeniso nenkcitho yenziwa zizinto ezingeyokheshi, enye yazo enkulu ikukwehla kwexabiso. Kodwa ke, nje ukuba ezinye izinto ezingenisa ikheshi zisebenze, izinto zinjengokuhlawulwa kwamatyala angaphandle, iOverstrand iya kusala nekheshi engaphezulu *yezigidi ezi-R8.1.*

IIRHAFU

Irhafu yePropati

Unyuso lwe-6.85% kwipropati zoshishino nezendawo yokuhlala kwakunye neziza eziphuhliswanga

Umbane

Umrhumo osisiseko wombane unyuswe nge-6%
Indleko zosetyenziso kwiibhloko ezinyukileyo uya kunyuka ngomyinge we-12,2%.

Amanzi

Yimizi yabahluphekayo kuphela eya kufumana i-6 kℓ yokuqala mahala. Unyuso lwe-11,5% luya kufakelwa kusetyenziso olumalunga ne-0 ukuya kwi-6 kℓ ngenyanga.

Ugutyulo

Lunyuka nge-6%

Ukususwa kwenkukuma

Kunyuka nge-6%

Uhlahlo-lwabiwo-mali olungundoqo

Izigidi ezi-R103,9 zehle nge-15,4%

Oku kwehla kwenziwa bubukho bemithombo yokufumana izimali zohlahlo-lwabiwo-mali olungundoqo. Ingqikelelo yezigidi ezi-R100 ziyadingeka minyaka le ukuze kuqhutyezwe izakhiwo nezixhobo zobonelelo-nkonzo.

UHLAHLO-LWABIWO-MALI OLUNESINDIMA NOLUQHUBEKEKAYO NGAPHANDLE KWEEMEKO EZINZIMA ZOQOQOSHO

Xa ebesandlala uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16 ukuze luphunyezwe ngowama-28 kuMeyi 2015, uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie wazise iBhunga ukuba umasipala ukholelwa kakhulu ekubandakanyeni bonke abemi kwinkqubo yokuqinisekisa urhulumente okhekelwe ngabantu. Intatho-nxaxheba yoluntu eqingqekileyo kwimicimbi kamasipala iqinisekiswa ngendlela yeekomiti zeewadi zaseOverstrand, kwaye uyaqinisekisa ukuba iBhunga amazwi abo bonke athe aviwa kwaye athatyathelwa ingqalelo kuqulunqo lohlahlo-lwabiwo-mali.

Ngaphezu koko, uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16 lusekelwe kuhlaziyo lwesithathu lwesiCwangciso soPhuhliso esiyiNtlanganisela (esishunqulelwa njenge-IDP) seminyaka emihlanu, nesimisela umkhombandlela wocwangciso lweBhunga. Le nkqubo yaqala ngoAgasti kunyaka ophelileyo. linjongo zocwangciso leminyaka emihlanu zikamasipala zisahleli zingaguquki, kwaye uhlahlo-lwabiwo-mali lwabiwe ngokwezinjongo zocwangciso zimiselwe kuhlaziyo lwe-IDP *[jonga uHlahlo-lwabiwo-mali luhambelana ngqo ne-IDP apha kwesi sigidimi]*.

Ephonononga imibandela engoqoqosho ngokuthe gabalala enika iinkcukacha kuhlahlo-lwabiwo-mali, uBotha-Guthrie uyavuma ukuba ilizwe lisazifumana likwimeko emaxongo ngokwezoqoqosho kwaye iimpawu zithi lonyaka uzayo awungezi naziphucuko tu. "Abasebenzi-nkonzo bethu kwakhona kulonyaka baza kuchaphazeleka kakubi lunyuso oluphezulu lwamaxabiso ombane oluphunyeziweyo lukaEskom, nto leyo eya kuba netyheneba elibi kakhulu kumaxabiso ombane kamasipala; kuqukwa nobume bemeko yokunkinkishwa kombane eseza kuba yinxalenye yobomi bethu kwixesha elide elizayo," utshilo.

Phantsi kwale meko yemicimbi enje, umasipala uthethe nabaPhathi bePothfoliyo ye-INCA ukuba benze uvavanyo lwezezimali elizimeleyo loMasipala waseOverstrand, noluya kuquka ukuvavanywa kwesiCwangciso soPhuhliso esiyiNtlanganisela sikamasipala kunye nezicwangciso zobuchule zamacandelo. Oku kwenziwa ngeenjongo zokuphawula imiba ebambekayo engempembelelo kuqhubekeko-zimela ngokwezimali kwexesha elide lukamasipala kwakunye nokunika iinkcukacha kwizindululo ezimalunga nomkhombandlela kumgaqo-nkqubo wexesha elizayo.

Okuvela kolu vavanyo, kwaye kwandululwa ukuba umasipala, phakathi kwezinye izinto -

- makaphephe iindleko zexesha elongezekileyo lokusebenza eligqithisileyo kunye nexesha lokulindela ukubizwa nanini na ngokuthi azalise zonke izithuba ezidingeka kakhulu;
- ukusebenzisa ngemfezeko bonke abasebenzi abakhoyo kunye nababoneleli-nkonzo bangaphandle; kwaye
- aphonononge amaqhinga okwabelana nabanye oomasipala ngeenkonzo *[jonga liNdleko ezithonyalalisiwe kakhulu kwalapha kwesi sigidimi]*.

Uqhubeke wadandalazisa eminye yemiceli-mngeni ephambili ekumele ukuba kujongwane nayo xa kuqulunqwa uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16, uSodolophu uthe iBhunga lisentlungwini kukwazi ukuba abadli-mhlalaphantsi kunye nabo baxhomekeke kuphela kwimivuzo evela kwinzala yezimali abazongayo ebomini babo, abakwazi ukumelana nonyuko olukhulu kangaka kwiirhafu kunye namaxabiso eenkonzo, "Ukumelana nokunyuka kwamaxabiso eenkonzo kungayeyona nto ibalulekileyo kumasipala, kwaye nezinga leenkonzo xa lithelekiswa neendleko ezinxulumeneyo yinto esiyiqwalasela rhoqo leyo," utshilo uBotha-Guthrie.

NgokukaSodolophu, kuzwelonke, ezi zinto zilandelayo ziye zanefuthe kuhlahlo-lwabiwo-mali:

- Ekuqaleni kwenkqubo yokuqulunqa uhlahlo-lwabiwo-mali, isikhokelo sopolitiko sasikhutshelwe ulawulo ukuba ukunyusa amaxabiso eenkonzo kumele ukuba kungadluli kwi-6% kwaye ukunyusa iirhafu zepropati kumele ukuba kunganyuki ngaphaya kwe-7%. Oku kubeka ecaleni imeko apho iNERSA inika uEskom ilungelo lokunyusa amaxabiso ombane ngaphaya kwenani lokwanda kwemali.
- Ukusukela ngo-2014, ngabahlali ababhalisiweyo kuphela ukuba bafumane isibonelelo sokuhlupheka abafumene iikhilotha ezi-6 zamanzi amahala ngesithuba sentsuku ezingama-30. Xa sithathe oku sikuthelekisa nocelwa nguNondyebo kaZwelonke ukuba bonke oomasipala mabaqinisekise ukuba ulwakheko lwamaxabiso amanzi lucingisisiwe, inqanaba lesibini lokufaka unyuso kwicandelo le-0 ukuya kwi-6 kℓ khona ukuze kubuyiswe iindleko zokuvelisa amanzi laye lamiswa ku-2014/15. Oku ke ngoku kuya kwazalisekiswa, kubonakalisa ukunyuka ne-11.5% kusetyenziso lwamanzi
- Isikhokelo esibonelelweyo sokunyuka kwemirhumo jikelele, umzekelo, ukuphunyezwa kwezicwangciso zokwakha, yi-10% *[jonga uHlahlo-lwabiwo-mali ngokuShwankathelayo kwalapha kwesi sigidimi]*.

Ukuqukumbela, uSodolophu uthe iOverstrand inelunda ngokuphumeza izinga lophicotho-zincwadi zemali elicocekileyo iminyaka emibini ilandelelana kwaye ibe ijajwe njengowona masipala unentsebenzo koomasipala bengingqi eMzantsi Afrika, kwakunye nokuphuma kuqala kwinkqubo eyi-'Back to Basics'. Uthe wongeza ukuba imigaqo esandula ukupapashwa nge-Standard Chart of Accouts (eshunqulelwa njenge-SCOA) kumele ukuba ibe nefuthe elikhulu ngenxa yokuba oku kubandakanya ukuguquka koqhutyo-msebenzi kurhulumente wengingqi uphelele *[jonga uBume boHlahlo-lwabiwo-mali ukuze luhambelane ne-SCOA kwalapha kwesi sigidimi]*.

Uthe wabulela uluntu lwaseOverstrand kunye nabo bonke abadlali-ndima ngenkxaso kunye nentatho-nxaxheba kuhlaziyo lwe-IDP kunye neenkqubo zohlahlo-lwabiwo-mali kunye noSihlalo wezeziMali, uCeba uDudley Coetzee, umanejala kamasipala kunye nabo bonke abalawuli ngokuzinikela, ukuzibophelela kunye nenkxaso ngeli lixa lenkqubo yohlahlo-lwabiwo-mali.

Uhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16 loMasipala waseOverstrand kunye nohlaziyo lwe-IDP lwamkelwa kungekho mpikiso.

Iindleko zicuthwe kakhulu ukuqinisekisa uhambiso lweenkonzo oluqhubekekayo

Inkcitho-mali kwizinto ezingengondoqo iye yacuthwa kakhulu kwaye amanyathelo angqingqwa othibazo-ndleko aye azalisekiswa kuhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16 ukuze kuveliswe imali eyongezekileyo ebonakalayo kuhlahlo-lwabiwo-mali loqhubo-msebenzi kwaye kusonjululwe umceli-mngeni wokuvuselelwa nokunakekelwa kwezakhiwo nezixhobo zobonelelo ngeenkonzo.

Ezi zamanyathelo ocutho-ndleko ziquka:

- Izithuba ezingazaliswanga zezinkundla ziye zahlengahlengiswa zithotywa kwaye izikhundla ezingamashumi amabini anesithathu ziye zabhangiswa kulwakheko lwabasebenzi kumasipala
- Icandelo lolawulo lweeNkonzo zoKhuseleko luye lwakhiwa ngokutsha nalapho inkqubo yokungena iishifti iye yaqaliswa, oko kukhokelele kukonga okubonakalayo kwiintlawulo ezivunyelweyo zokulindela ukubizwa kunye nexesha elongekileyo emsebenzini.
- Linye kuphela ilungu elitsha elithe laqeshwa kwiKomiti yoLawulo kaSodolophu (ishunqulelwa njenge-Mayco) emva kokuba amalungu amabini aye athabatha umhlalaphantsi kulo nyaka uphelileyo. Oku kukongeza kwisikhewu esikade sikhona kwi-Mayco.
- Umasipala uphumeze ukuthabatha inxaxheba kukuqeshwa kweenkonzo ekwabelwana ngazo zikaManejala woMgcipheko, nalapho olu qesho luya kuzuza bonke oomasipala besiThili iOverberg;
- Konke ukunyuswa kwemivuzo kumiselwe ukuba kunyuswe nge-6.1% kuxhomekeke kwiziphumo zothethathethwano nomiselo lwemivuzo.

Olu lungelelaniso kuhlahlo-lwabiwo-mali luquka:

- Izaphulelo ngokoMgaqo-nkqubo weeRhafu zePropati ziye zanyuswa;
- Imirhumo yokupaka kumanxweme aseOverstrand iye zabhangiswa;
- Imirhumo yamangcwaba ayinyuswanga kuhlahlo-lwabiwo-mali luka-2015/16;
- Iirhafu zokwandisa izakhiwo azinyuswanga nazo.

IIPROJEKTHI EZINGUNDOQO EZINKULU ZANGO-2015/2016:

ULWAKHIWO LWEZINDLU LUPHALA PHAMBILI KULUHLU KODWA IINDLELA, UKUFAKWA KOMBANE KUNYE NAMANZI ZIFUMANA UKUHOYWA NAZO

Kuhlahlo-lwabiwo-mali lwango-2015/16, iOverstrand ifumene isixa-mali sezigidi ezi-R103.9 ukuze iphuhlise kwaye/okanye ivuselele izakhiwo nezixhobo ezingundoqo kubonelelo-nkonzo nezaziwa njengeeprojekthi ezingundoqo. Iiprojekthi ephambili eziza kuqalwa kulo nyaka-mali sikuwo, kuquka imithombo evela kuyo imali, zingashwankathelwa ngolu hlobo lulandelayo:

Inkcaza yeprojekthi	Umthombo wezimali	2015/16 Budget		
		Izimali zeBhunga	Ezangaphandle (izibonelelo)	IYONKE
Zwelihle Mandela - amanxiwa anga-83	IPHONDO[1]		4,685,648	4,685,648
Zwelihle Admin Site - amanxiwa ali-164	IPHONDO		9,864,644	9,864,644
Zwelihle Site C2 - amanxiwa ali-132	IPHONDO		7,939,836	7,939,836
Zwelihle - ukuvuselelwa kwendlela ekhoyo egangathwe ngelitye (ulwakhiwo olusebenzisa abantu)	MIG[2]		4,200,000	4,200,000
Mt Pleasant - ukuvuselelwa kweendlela kunye nokuphuculwa kwemibhobho yezikhukula	MIG		6,375,527	6,375,527
Kleinmond (Overhills) - ukufakelwa kombane kwizindlu ezixabiso liphantsi	INEP[3]		8,000,000	8,000,000
Ukufakelwa ngokutsha kwemibhobho yamanzi yaseOverstrand	EL6[4]	9,652,800		9,652,800
Ukuphuculwa kwesitishi sokumpompa	EL6	3,547,200		3,547,200
Idama elitsha elise Mt Pleasant eli- 1 mℓ/s	MIG		3,566,328	3,566,328
iNdlela iSwartdam iNkqubo yoPhuhliso lweNdawo yokuHlala eyiNtlanganisela (eshunqulelwa njenge- "IRDP")	IPHONDO		3,313,558	3,313,558

[1] Isibonelelo soLwakhiwo Lwezindlu sePhondo
[2] Isibonelelo seZakhiwo zeenkonzo zikaMasipala
[3] Isibonelelo sikaZwelonke seNkqubo yoMbane esiyiNtlanganisela
[4] Imali-mboleko yangaphandle 6

UHLAHLO-LWABIWO-MALI KUNYE NE-IDP ZIYAHAMBELANA

Uhlahlo-lwabiwo-mali sisicwangciso sezimali sikamasipala kwaye sidandalazisa ukuba yimali eya kuzalisekiso lweenjongo zocwangciso ezimiselwe kwisiCwangciso soPhuhliso esiyiNtlanganisela (esishunqulelwa njenge-IDP). I-IDP sisicwangciso sophuhliso seminyaka emihlanu kwaye sihlaziywa minyaka le. I-IDP ehlaziyiweyo ka-2015/2016 yaphunyezwa liBhunga ngowe-28 kuMeyi 2015 kwaye imele uhlaziyo lwethathu lwesicwangciso seminyaka emi-5.

Ukuyichaza lula le nto, i-IDP iqondisa uhlahlo-lwabiwo-mali kwaye ezi grafu zimbini zingezantsi zandlala ukuba uhlahlo-lwabiwo-mali lweeprojekthi ezinkulu noloqhubo-msebenzi luka-2015/2016 luya kuchithwa kuzalisekiswa iinjongo ezintlanu zocwangciso eziqulunqwe ngohlaziyo lwe-IDP ka-2015/2016.





UBUME BOHLAHLO-LWABIWO-MALI UKUZE LUHAMBELANE NE-SCOA

Ukupapashwa kwemigaqo enge-Standard Chart of Accounts (SCOA) nguNdyebo kaZwelonke ngowama-22 kuEpreli 2015 kwabhengeza inguqu enkulu kwiimfuneko zokunika iingxelo zezimali kwinqanaba loburhulemente bengingqi ukusukela oko kwapasiswa uMthetho ongoLawulo lweziMali zikaMasipala ngo-2003. Oku kuya kuba nefuthe elikhulu kwindlela umasipala aqhuba ngayo ulawulo, ngakumbi ngokuba iOverstrand ithe yatyunjwa njengelinye lamanxiwa ovavanyo lukazwelonke xa kuzalisekiswa kwangoku i-SCOA kunye nenkqubo yezimali eyi-Bytes.

Sithetha nje, ubume bohlahlo-lwabiwo-mali obumiselweyo kwimiGaqo yeNgxelo kunye noHlahlo-lwabiwo-mali lukaMasipala luphawule izintlu zolwazi lukamasipala oludingekayo xa kuphuhliswa uhlahlo-lwabiwo-mali. Njengenyathelo elilandelayo, i-SCOP iya kuqinisekisa ukuba olu lwazi luneengcombolo lufakiweyo kuzalisekiso lohlahlo-lwabiwo-mali lulungelelaniswe ngokufaneleyo nangokufanelekileyo ngokuthi luphucule ikhwaliti yeenkcukacha-lwazi kwaye luphumeze izinga elithe xhaxhe kumiselo-migangatho kunye nokufaniswa kweeseti zenkcukacha-lwazi. Ngenxa yoko, uhlahlo-lwabiwo-mali lwango-2015/16 lwaseOverstrand luqulunqwe ngokobume bohlelo lwe-SCOA.

TRULY A BUDGET FOR THE PEOPLE

Given the trying economic times faced by the country as whole, Overstrand did its best to devise a budget that is credible and sustainable, yet will have as low an impact as possible on its residents.

- We have managed to limit the overall impact of the tariff increases on household bills to below 6,3% and the increase for indigent households to 2,6%.
  This excludes the impact of electricity tariff increases.
- We have budgeted for a small surplus on the operational budget to provide funds from our own resources for capital expenditure during the 2017/18 financial year.
- We will continue essential maintenance of our infrastructure.
- We will continue to focus on increasing productivity.

In addition, Overstrand undertakes to continue lobbying national and provincial government for an increase in its equitable share and to eliminate unfunded mandates. It also plans to continue lobbying the Department of Human Settlements for an increase in the MIG grant for affordable housing to ensure that this does not place an undue financial burden on the municipality.

MUNICIPAL ACCOUNTS:

WHAT THE 2015/16 TARIFFS WILL MEAN FOR YOUR POCKET

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - UMZI OMNYE 2015/16

Usetyenziso oluphezulu olunemitha yombane ehlawulelwa ngaphambili Ukuxabisa: R3,5 m	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla Isixa-mali	%
IiRhafu	952,20	1 017,43	65,23	6,85
UGutyulo lwelindle* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	450,24	477,41	27,17	6,03
Ukutshajwa kweenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
INkukuma 1 x ngeveki	130,18	137,99	7,81	6,00
Amanzi 50 kℓ	854,08	906,31	52,23	6,12
VAT	206,67	218,88	12,21	5,91
IYONKE	**2 635,07**	**2 799,71**	**164,65**	**6,25**
Imitha yombane ehlawulelwa ngaphambili 1500kWh	2 176,66	2 429,52	252,87	11,62
VAT	304,73	340,13	35,40	11,62
IYONKE	**5 116,45**	**5 569,37**	**452,91**	**8,85**
HPP ukuba iyasebenza	*95,22*	*101,74*	*6,52*	*6,85*

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - UMZI OMNYE 2015/16

Usetyenziso oluphantsi kuqoqosho (Ukuhlupheka) Ukuxabisa: R100,000	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla	%
IiRhafu	13,80	14,75	0,95	6,85
UGutyulo lwelindle* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1	28,73	30,46	1,74	6,04
Intlawulo yeenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
INkukuma 1X ngeveki	0,00	0,00	0,00	0,00
Amanzi 10 kℓ	34,40	36,48	2,08	6,05
VAT	14,68	15,21	0,53	3,64
IYONKE	**133,30**	**138,60**	**5,30**	**3,97**
Imitha yombane ehlawulelwa ngaphambili 350kWh	310,24	348,09	37,85	12,20
VAT	43,43	48,73	5,30	12,20
IYONKE	**486,98**	**535,42**	**48,44**	**9,95**

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - UMZI OMNYE 2015/16

Usetyenziso oluphakathi olunemitha yombane ehlawulelwa ngaphambili Ukuxabisa : R2,5 m	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla	%
IiRhafu	676,20	722,52	46,32	6,85
UGutyulo lwelindle* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	270,69	287,01	16,32	6,03
Ukutshajwa kweenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
INkukuma 1 x ngeveki	130,18	137,99	7,81	6,00
Amanzi 25 kℓ	322,63	343,11	20,48	6,35
VAT	107,13	113,37	6,25	5,83
IYONKE	**1 548,53**	**1 645,70**	**97,18**	**6,28**
Imitha yombane ehlawulelwa ngaphambili 800kWh	1 122,32	1 246,55	124,24	11,07
VAT	157,12	174,52	17,39	11,07
IYONKE	**2 827,97**	**3 066,77**	**238,81**	**8,44**
HPP ukuba iyasebenza	*67,62*	*72,25*	*4,63*	*6,85*

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - USHISHINO 2015/2016

Business - Medium (Three-phase) Ukuxabisa : R3,2 m	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla	%
IiRhafu	1 672,00	1 786,53	114,53	6,85
UGutyulo lwelindle* SE7D1+SE8A	460,50	488,29	27,79	6,03
Ukutshajwa kweenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
INkukuma 1 x ngeveki 3	390,54	413,97	23,43	6,00
Amanzi 40 kℓ	639,28	686,12	46,84	7,33
VAT	214,48	228,21	13,73	6,40
IYONKE	**3 418,50**	**3 644,82**	**226,33**	**6,62**
Imitha yombane ehlawulelwa ngaphambili 7000kWh	9 733,12	10,895,20	1 162,08	11,94
VAT	1 362,64	1 525,33	162,69	11,94
IYONKE	**14 514,25**	**16,065,35**	**1 551,09**	**10,69**
HPP ukuba iyasebenza	*167,20*	*178,65*	*11,45*	*6,85*

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - UMZI OMNYE 2015/16

Usetyenziso oluphantsi olunemitha yombane ehlawulelwa ngaphambili Ukuxabisa: R1 m	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla	%
IiRhafu	262,20	280,16	17,96	6,85
UGutyulo lwelindle* Ikhowudi yeRhafu: SE7A1+SE8A	198,87	210,85	11,98	6,02
Ukutshajwa kweenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
INkukuma 1 x ngeveki	130,18	137,99	7,81	6,00
Amanzi 15 kℓ	199,18	212,22	13,04	6,55
VAT	79,79	84,39	4,60	5,76
IYONKE	**911,92**	**967,31**	**55,39**	**6,07**
Imitha yombane ehlawulelwa ngaphambili 600kWh	821,08	908,56	87,48	10,65
VAT	114,95	127,20	12,25	10,65
IYONKE	**1 847,94**	**2 003,07**	**155,12**	**8,39**
HPP ukuba iyasebenza	*26,22*	*28,02*	*1,80*	*6,85*

IBASKITI YEERHAFU ZENYANGA - IZIZA EZINGENANTO 2015/2016

Ukuxabisa Average	Unyaka 2014/2015	Unyaka 2015/2016	Ukunyusa/Ukwehla	%
Ukuxabisa : R250,000				
IiRhafu	117,92	125,99	8,08	6,85
UGutyulo lwelindle lungathungelana Ukubakho	109,65	116,23	6,58	6,00
INkukuma Ukubakho	65,08	68,98	3,90	5,99
Umbane Ukubakho	204,56	216,83	12,27	6,00
Amanzi Ukubakho	102,28	108,42	6,14	6,00
Ukutshajwa kweenkonzo ezisisiseko: amanzi, umbane & noGutyulo lwelindle	41,70	41,70	0,00	0,00
VAT	73,26	77,30	4,04	5,52
IYONKE	**714,44**	**755,46**	**41,01**	**5,74**
HPP ukuba iyasebenza	*11,79*	*12,60*	*0,81*	*6,85*

HPP - Hermanus Public Protection

IMEKO YASEMVA KWESIKOLO ENENKATHALO NOKHUSELEKO IYAFUMANEKA NGOKU KWISIKOLO SAMABANGA APHANTSI I-MT PLEASANT

Nkqu imozulu enengqele nemvula ayikhange iwuthobe umxhelo kumandwendwe kunye nabafundi ukuba abangazimasi umsitho wokuvulwa ngokusesikweni kwe-Just Care! Inkqubo yasemva kwesikolo - kwisikolo samabanga aphantsi iMount Pleasant ngoLwesibini we-2 kuJuni 2015.

Le nkqubo isekelwe kwingqiqo "yezikolo njengamaziko oluntu" neyaqalwa nguWendy Colyn ovela kwiFutures Trust apha eOverstrand. Ngenkxaso enkulu nenobubele yesikolo samabanga aphantsi iMount Pleasant. Le nkqubo ziinzame ezilubambiswano phakathi kwesikolo, uMasipala iOverstrand kunye neJust Care – nengumbutho ongenzuzo yoluntu owasekwa lilungu letrasti uJacqui Rathfelder esenzela iinkumbulo zikatata wakhe ongasekhoyo, uJohn Rathfelder, nowangutitshala iminyaka engama-25.

Ngamazwi kaJacqui buqu, injongo "kukuphucula ikhwaliti nangxabiseko yobomi babantwana". "Eli libali elingokwakha koluntu oluqinileyo kwaye isiseko esiluqilima salo naluphi na uluntu yimfundo kunye nenkathalo" wongeze ngelo. I-Just Care ngumzalisekisi weprojekthi kwaye inkxaso kamasipala iya kuthabatha indlela yabasebenzi be-EPWP abavela eluntwini nabaya kunceda kwimisebenzi eyahlukeneyo yasemva kwesikolo.

Le nkqubo iqale ngowe-4 kuMeyi 2015 ngabantwana abanga-77. Kwiintsuku nje ezintathu emva koko, ibe sele ifikelele kwinani le-120 labafundi. Abantwana bangenela le nkqubo yonke le mihla ukusuka nge-14h00 de kube yi-17h00 nalapho bancedwa ngomsebenzi wasekhaya wabo, bathabatha inxaxheba kwimidlalo kwaye bafumana isidlwana esimnandi.

Kwintetho yakhe ephambili, uSodolophu uBotha-Guthrie uthe, "Ndiyithanda kakhulu imfundo kwaye ndakuxhasa nayiphi na iinkqubo engaqinisekisa ukufunda kwabantwana okupheleleyo nokuxhongxekileyo. Ndibongoza uluntu lwaseHermanus ukuba luxhase uJacqui Rathfelder kangangoko ukuqinisekisa impumelelo yale projekthi. Kwixa elizayo, ndiqinisekile ukuba lo ngumfuziselo ongalandelwa nangabanye abantu wokuphinda iphulo elinje kwaye kwakhelwe koku ukubheka phambili."

Le nkqubo yenze umahluko ngokuzinikela nefuthe labasebenzi beJust Care, kodwa kwabona badinga inkxaso yokubakhuthaza baqhubekeke. Naye nabani na ofuna ukunceda okanye ukwenza amalizo angatsalela uJacqui ku-082 570 9757 okanye athumele i-imeyili ku- jacquier@telkomsa.net. Ukufunda ngcono ngale nkqubo, ungandwendwela iwebhusayithi www.justcare.co.za.

USodolophu uNicolette Botha-Guthrie osisithethi esiphambili kumsitho wokuvulwa ngokusesikweni Inkqubo yasemva kwesikolo yeJust Care!, unikwa isipha seentyatyambo ngomnye wabazuzayo.

UMGAQO-NKQUBO ONGOBUHLWEMPU ULUNGELELANISIWE

UMasipala iOverstrand ubonelela ngepakethe esisibonelelo seenkonzo ezindoqo ezimahala ukuncedisa imizi ehluphekileyo okanye ejongene neemeko ezithile ezenza ukuba bangabi nakho ukuhlawula iinkonzo zikamasipala. Kumnyaka-mali ka-2015/16, olu lungelelaniso lulandelayo kuMgaqo-nkqubo onguBuhlwempu kaMasipala luye lwaphunyezwa:

Isalathiso zomgaqo-nkqubo	Iinkcazelo
"iinkonzo ezingundoqo"	Isixa okanye izinga lazo naziphi na iinkonzo zikamasipala ezidinga ukuqinisekisa ikhwaliti evumelekileyo nefanelekileyo yobomi neya kuthi ukuba ayibonelelwanga, ibeke emgciphekweni impilo yoluntu okanye ukhuseleko lokusingqongileyo kwaye ngokweenjongo zalo mgaqo-nkqubo, zithintela ukuhambisa iinkonzo zamanzi, ugutyulo, unkukuma, umbane.
"ingeniso"	Ingeniso sisixa siphelelelyo sayo yonke imivuzo yenyanga evela kuyo yonke imithombo iquka imirholo, imivuzo, ingeniso, izabelo, imihlalaphantsi, ingqeshiso, ukubhoda nokuhlalisa, inzala efunyenweyo, umvuzo ovela kutyalo-mali okanye kwisibonelelo kunye nezinye iindlela zokwamkela imali kwaye wonke umntu ohlala kule propati.
3k	Uluhlu lwabahluphekileyo luya kunakekelwa kwaye lungenziwa lufumaneke kuluntu lonke, kodwa oko kuxhomekeke kuMthetho ongokuKhuthazwa ukuFikelela kuLwazi oyi-Promotion of Access to Information Act (isishunqulelo yi-"PAIA") kunye/okanye uMthetho ongoKhuseleko loLwazi loMntu Buqu oyi-Protection of Personal Information Act (isishunqulelo yi-"POPI Act")
5A	Imizi ehluphekileyo enepropati enexabiso elingaphezulu kwama-R220 000 kunye nosetyenziso lombane olungaphezulu kwama-400kWh-
5A (v)	Kumele ukuba abe ngummi waseMzantsi Afrika;
5B	Imizi ehluphekileyo enepropati enexabiso elingaphantsi kwama-R220 000 kunye nosetyenziso lombane olungaphantsi kwama-400kWh (akukho zithintelo ngokwemivuzo):-
5 B (iii)	Imizi ehluphekileyo enepropati enexabiso elingaphantsi kwama-R220 000 ingafaka isicelo seeyunithi zombane ezimahala ezingama-50kWh apho ingeniso yomzi lowo ingadluli izihlandlo ezine zesixa-mali senkamnkam, kuze ibe yi-R1.00 ngenyanga apho ukusetyenziswa kombane ngenyanga kukumyinge ongadluli kuma-400kWh.
5C	Imizi ehluphekayo enepropati enexabiso elingaphantsi kwama-R220 000 kunye nosetyenziso lombane olungaphantsi kwama-500kWh (akukho zithintelo ngokwemivuzo)
5 C (i)	Ixabiso lepropati kumele ukuba ibe ngaphantsi kwama-R220 000
5 D	Imizi ehluphekayo enepropati enexabiso elingaphantsi kwama-R220 000 kunye nosetyenziso lombane olungaphantsi kwama-500kWh (ingeniso ingadlulanga kwisixa esizizihlandlo zine zesixa-mali senkamnkam):

NgokoMgaqo-nkqubo ongoBuhlwempu kaMasipala, imizi ebhalisweyo ingafumana i-6kℓ zamanzi amahala, ama-50kWh ombane wamahala kunye ne-4,21kℓ yogutyulo lwamahala ngenyanga, kwakunye nesaphulelo esipheleleyo kwirhafu yepropati. Inguqulelo ehlaziyiweyo yoMgaqo-nkqubo ongoBuhlwempu kaMasipala ikho kwi **www.overstrand.gov.za** okanye kwiofisi kamasipala ekwingingqi yakho.

UMBETHI-KLARINETHI NOMBETHI-MBANDE BAYA KUSHIYA ABABUKELI BEBAMBE ONGEZANTSI

Umbethi-klarinethi waseMzantsi Korea **uSang Yoon Kim** ekunye nombethi-mbande waseRashiya **uMatvey Demin** bemka nezithsaba kuKhuphiswano lweKlarinethi neMbande lokuqala lase-UNISA ngo-2014 kwaye baphumelela amabhaso akhethekileyo amathathu ngexesha elinye: Olona toliko lomsebenzi waseMzantsi Afrika, olona toliko lweSonata kunye nolona lweresithali.

Ngemva kwemini yangeCawa wama-26 kuJulayi, abathandi bomculo eOverstrand baya kubanenyhweba yokumamela la maciko xa, ekhatshwa nguTertia Visser Downie kwipiyano, edlala imisebenzi kaWidor, uPoulenc, uDe Sarasate, uMozart, uDuvernoy, uHendrik Hofmeyr, uGénin, uSchubert, uSaint-Saëns, uConnesson noShostakovich.

Ikonsathi iya uqala nge-15:30 kwi-Civic Auditorium, eHermanus. Amatikiti yi-R120.00 (R60 abafundi). Fowunela uBELLINI kwezi nombolo 028 312 4988 ukuba ufuna ukubhukisha. Imibuzo ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana ngqo nomabhalana uRené du Plooy kwezi nombolo 082 940 4238.

uSang Yoon Kim
uMatvey Demin